Hlala ukhuselekile kwintsholongwane iCorona

Ligcine ikhitshi lakho licocekile

- Xa umntu onentsholongwane iCorona ethe wakhohlela, ushiya iintsholongwane kwimiphezulu yezinto. Le ntsholongwane isulela ngokuthi umntu abambe ezo ndawo aze azibambe ubuso emva koko.
- Ukucoca nokubulala iintsholongwane kuya kunceda ekunciphiseni ukunwenwa kweCOVID-19 nezinye izigulo ezifana ne-gastroenteritis

Faka isibulali ntsholongwane kwimiphezulu yezinto



- Sebenzisa umxube weblitshi ukubulala iintsholongwane (amatuspuni amathandathu –[6] kwilitha enye –[1] yamanzi).
- Coca ufake isibulali ntsholongwane rhoqo kwizinto ezifikelelwa zizandla nakwimiphezulu yezinto (imiphezulu yeekhawuntala, iitephu, izibambo zamacango, amaqhosha esitovu, izitulo) rhoqo.

Yisule igrosari

Yisule igrosari ekwizingxobo eziyiplastiki, eziyiglasi neziziitoti ngamanzi ashushu okanye ngomxube weblitshi njengesilumkiso esongezelelweyo, uziyeke zizomele ngokwazo ngaphambi kokuba uzipakishe ezikhabhathini.

Zicoce uzifake isibulali ntsholongwane izinto zokusebenza neendawo osebenzela kuzo

- Yicoce yaye ufake isibulali ntsholongwane kwindawo yokusebenzela nakwizinto osebenza ngazo ngaphambi kokuba uqalise ukusebenza, nangaliphi na ixesha uqhubeka nokusebenza nasemva kokuba ugqibe umsebenzi ngamnye.
- Mawuhlale ukhona umxube weblitshi okanye isitshizi sesanithayiza kwindawo yakho yokusebenzela ukuze kube lula ukuyisebenzisa.

Gcina imigqomo icocekile ikhuselekile

- Yiba nemigqomo eyahlukeneyo yokufaka izinto/inkunkuma nezinye izinto ezilahlwayo,
- Qiniseka ukuba iziciko zemigqomo zivaleka kakuhle.
- Yiba nabantu abaza kumana belahla inkunkuma becoca imigqomo. “Zoleke zibe mbini iiplastikhi” zenkunkuma uhlambe izandla emva kokulahla inkunkuma.

24 HOURS iNational Hotline: 0800 029 999

24 HOURS iProvincial Hotline: 021 928 4102

URhulumente weNtshona Koloni

STOP UKUNWENWA KWALE NTSHOLONGWANE

NGOLWAZI OLUTHE VETSHE:
www.westerncape.gov.za